| | |
|---|---|
| Hosted by | IZiko lezokuFundisa nokuFunda (Gqr Anthea Jacobs) neFakhalthi yezeMfundo: iSebe leZifundo zeKharityhulam (Gqr Chrischar Rock) |
| Title of presentation | "…kodwa luyintoni na uphawu lwam…?": ukuphuhlisa imisebenzi yeengcinga ezingohlalutyo zootitshala abangekasebenzi |
| Presenter | Gqr Chrischar Rock<br><br>HDE (UWC), BA Hons (UWC), MA Educ (UCL, UK), PhD (SU) |
| Short biography<br> | UGqr Chrischar Rock ngumhlohli kwiFakhalthi yezeMfundo (iZifundo ezingoHlalutyo) nalapho anegalelo ekulungiseleleni ootitshala beB.Ed abangekasebenzi umsebenzi osekelwe esikolweni. Iminyaka emininzi usebenze njengomcebisi oqeqesha ootitshala kwiZiko lezeMfundo (UCL) nombhali womxholo wekharityhulam olihlakani kuBudlelwane beZikolo zikaZwelonke (UK). Usisithwalandwe sakwiSikolo sezeMfundo yeZigqeba zikaRhulumente iHarvard Kennedy kwaye unedigri yeeMastazi kwezeMfundo noPhuhliso lwakuMazwe ngaMazwe (UCL), nalapho uphando lwakhe lwalugxile ekwakhiweni ngokutsha kwekharityhulam nobubani bootitshala. Uphando lwakhe olulolunye nezinto anomdla kuzo ziquka imisebenzi yootitshala neendlela zokubona izinto ekuhanjisweni kwemfundo yobumi obungenkululeko eMzantsi Afrika kwakunye nokuphengulula izixhobo ezahlukahlukeneyo zokuphuhlisa imisebenzi yootitshala engokuzikisa ukucinga nokuzihlalutya kukatitshala yena buqu. |
| Blurb (Including Conclusions and Implications for Teaching and Learning at SU) | Kuhambo lwabo lweminyaka emine lokufundela ukuba ngutitshala, ootitshala abangekasebenzi bazibandakanya nothotho lweenkqubo zovavanyo nemisebenzi kwiimodyuli zezifundo zabo jikelele ukuze kumiselwe inkqubela phambili yabo ekufezekiseni iziphumo zemodyuli okanye zenkqubo. Umsebenzi osekelwe esikolweni uyinxalenye ebalulekileyo yaloo nkqubo ngenjongo yokuphuhlisa ukuqonda kootitshala abangekasebenzi uvavanyo njengokufunda novavanyo olulungiselelwe ukufunda. Ingaba ikhuthazwa ukuya kufikelela phi imisebenzi yokuzikisa ukucinga komntu buqu ngesiqu sakhe ukuze ootitshala abangekasebenzi babe nako ukuphuhlisa ukuba nokuzihlalutya kwabo buqu? Kungaxoxwa ngelithi "nangona ukuzikisa ukucinga komntu buqu ngesiqu sakhe kugxile ngaphakathi emntwini, ngumkhwa owenziwa nophuhliswa phakathi kwabantu ngaphakathi kobudlelwane obunentsingiselo obukhokelwa yimibuzo engenjongo nokufuna ukuya kwisiphelo esinentsingiselo" (Costa & Garmston, 2016; Wetzel et al., 2017). Ngokugxila kumsebenzi osekelwe esikolweni, lowo uza kuprezenta uza kwabelana ngeziphumo zesixhobo sencoko yophuhliso engokuzikisa ukucinga, nekhokelweyo esivavanywa kunye nootitshala abangekasebenzi nabacebisi babo abasekelwe esikolweni. Ngokwenza njalo, ugxininiso luza kubekwa kwindima esinayo esi sixhobo nesinokuyidlala kubungcaphephe obungokuziqhelanisa (Hunskaar & Gudmundsdottir, 2023) kootitshala abangekasebenzi nootitshala abangabacebisi babo. Ngaphezu koko, le ngxoxo iza kuba sesizikithini sendima nefuthe lee ncoko zophuhliso |

| | |
|---|---|
| | ezikhokelweyo njengovavanyo oluluqilima ukunceda ootitshala abangekasebenzi kwiihambo zabo zokufunda ubomi *bokuba* ngutitshala. |
| Articles (Bibliographic information of 2 easy-read articles on the topic) | 1. Smith, J. et al (2023), "*Secondary preservice teachers' critical reflecting practices: examining perceptions of confidence using a two-part reflection*. IJenali yoBudlelwane beSikolo seYunivesithi.<br><br>2. Hunskaar, T.S. and Gudmundsdottir, G.B. (2023), "*Tool-based mentoring conversations in teacher education: new structures, opportunities and the role of adaptive expertise*". IJenali yaMazwe ngaMazwe yokuNika iiNgcebiso nokuQeqesha kwezeMfundo |
| Key words | Imfundo yootitshala abangekasebenzi, ukuba nokuzihlalutya komntu buqu, ukunika iingcebiso, umsebenzi, ubungcaphephe obungokuziqhelanisa |
| Date of presentation | 03 EyeDwarha 2023 |
| Venue | MSTeams |
| Time | 13h00 – 14h00 |